Isalathiso: 20211112-7644
Inombolo yefayili: 2/9/4/3
Imibuzo: A Jacobs

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso: 0008/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNtloko zamacandelo namacandelwana (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili)

Isihloko: Ishedyuli yeentlanganiso ze-*ITOPSCOM*

1. Ikomiti i-*Western Cape Education Department, Information and Communications Technology (ICT) Operational Committee (ITOPSCOM)* yikomiti eyongezelelweyo ye-*ITSTEERCOM* ehlangana qho ngenyanga, ngokwetheyibhile elapha ngezantsi, ukuthatha isigqibo ngezicelo zezixhobo eziqhelekileyo ze-*ICT*.

2. Abaphathi abajongene nestokhwe mabazalise ifom yesicelo i-*ITOPSCOM form* (isiHlomelo A) evunyiweyo xa kusenziwa isicelo seempahla neenkonzo ze-*ICT*. Makungeniswe isicelo esizaliswe ngokupheleleyo, saza sasayinwa esiyintsusa (*original application*) kwi-Ofisi kaNobhala wekomiti i-*ITOPSCOM*, e-*12th Floor, 1 North Wharf Square*, Cape Town. Zonke izicelo mazifike kwi-ofisi kaNobhala ubuncinane kwiveki enye phambi kokuba iqhubeke intlanganiso. Sakuba singeniswe, isicelo/umenzi-sicelo uya kufumana ikopi yesicelo esivunyiweyo ukwenzela ukuba siqwalaselwe ngokungaphezulu okanye i-imeyili ebachazelayo ukuba isicelo sikhatyiwe.

3. Ikomiti i-*TOPSCOM* iya kwenza isigqibo ngokuphathelele kwii-ayithem eziqhelekileyo ze-*ICT* kuphela. Uluhlu oluqhelekileyo (isiHlomelo B) luhlaziywa ngokutsha yi-*DotP:Ce-I* rhoqo yaye ingcaciso ehlaziywe ngokutsha iya kufumaneka apha https://mygov.westerncape.gov.za/services/it-policies-documents-and-forms. Zonke izicelo ezingezizo eziqhelekileyo ziya kuthunyelwa kwikomiti i-*ITSTEERCOM* kunye neengcebiso.

4. Isicelo sezixhobo ze-*ICT* eziza kutshintshwa masihanjiswe nengxelo eyi-*technical report* ecacisa isizathu sesicelo sokutshintshwa kwesixhobo eso. Kwiimeko apho izixhobo ze-*ICT* zithengelwa abaqeshwa abatsha, makuchazwe izizathu zokuchaza ukuba ngaba kukho izixhobo *ze-ICT* ebezinikwe nabani na okwisikhundla esithile phambi kokuqeshwa kwakhe yena yaye kuya kwenzeka ntoni na kwizixhobo ze-*ICT*.

5. Kucelwa niqinisekise ukuba ifom yesicelo i-*ITOPSCOM* iyachaza ukuba ngaba izixhobo ze-*ICT* ziya kuphinda zabelwe omnye umntu okanye ziya kuchithwa na, yaye ngokwemeko leyo, iCandelo loLawulo loKuthengwa kweeMpahla neeNkonzo malaziswe ukwenzela ukutshintsha iingcaciso kwirejista yee-asethi.

6. Ishedyuli yeentlanganiso ze-*ITOPSCOM* zonyaka-mali ka-2021/22 nemihla yokungeniswa kwezicelo imi ngolu hlobo lulandelayo:

UMHLA WENTLANGANISO	**IXESHA**	**UMHLA WOKUVALA WOKUNGENISWA KWEZICELO**
26Januwari 2022	09:00 – 12:00	19 Januwarl 2022
23 Februwari 2022	09:00 – 12:00	16 Februwari 2022
30 Matshi 2022	09:00 – 12:00	23 Matshi 2022
27 Apreli 2022	09:00 – 12:00	20 Apreli 2022
25 Meyi 2022	09:00 – 12:00	18 Meyi 2022
29 Juni 2022	09:00 – 12:00	22 Juni 2022
27 Julayi 2022	09:00 – 12:00	20 Julayi 2022
31 Agasti 2022	09:00 – 12:00	24 Agasti 2022
28 Septemba 2022	09:00 – 12:00	21 Septemba 2022
26 Oktobha 2022	09:00 – 12:00	19 Oktobha 2022
30 Novemba 2022	09:00 – 12:00	23 Novemba 2022
25 Januwari 2023	09:00 – 12:00	18 Januwarl 2023
22 Februwari 2032	09:00 – 12:00	15 Februwari 2023
29 Matshi 2023	09:00 – 12:00	22 Matshi 2023

7. Yonke imibuzo engeshedyuli yeentlanganiso ze-*ITOPSCOM* ingathunyelwa nge-imeyili apha :Ashley.Jacobs@westerncape.gov.za okanye kuSekela Mlawuli wezoQuquzelelo lwe-*ICT* (kwiCandelo loLawulo loLwazi neNgcaciso) ku-021 467 9322.

ISAYINWE: NGU-MS ABRAHAMS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2021-11-24